# INGABA UYESU UBENGUMKRESTU OKANYE UBEYISULUMANE?

(Abo Kareem El-Marakshy)

# INGABA UYESU UBENGUMKRESTU OKANYE UBEYISULUMANE?

**(Abo Kareem El-Marakshy)**

**ISANDULELO**

Kungenzeka okobuba uzibuze le mibuzo elandelayo:-

1) Ingaba mna ngingumlandeli kaYesu Krestu ngenyani na?
2) Ingaba ndilifuna ngenene inyaniso na, noba ndisisitha seNyaniso?
3) Ingaba uYesu ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?

Ndizamile ukwabelana ngomniningwane onzulu othathwe ezincwadini eziqulathe ulwazi olujulile kunye nakuma-*website*, ngase ngiwuhlanganisa ndawonye ngendlela yama-*table* afunyaziwe, eqondakala kakuhle.

Ndicela umfundi ukuba afunde le ncwadi ngengqondo engachemi, nokuba avumele inyaniso entliziyweni yakhe kuba lo ndlela ngiyo kuphela ezokwenza ukuba kuthatheke isinqumo esiqondile, okuyiso esizokwakha impilo yomntu yalapha ehlabathini neyakwelizayo.

**ISIQULATHO**

Intshayelelo
1. Ukucoceka (Ukuhlamba ngaphambi komthandazo)
2. Ukukhulula izihlangu ngaphambi kokuthandaza
3. Amaxesha abekiweyo omthandazo weensuku zonke
4. Ukubhekisa ecaleni elithile ngexesha kuthandazwa
5. Ukuthinta phantsi ngobuso xa kuthandazwa
6. Ukuphakamisa izandla ngemva kokuthandaza
7. Ukuzila
8. Isithunywa noMprofeti kaThixo
9. Ukuzinikela entandweni kaThixo (*Islam*)
10. Igama likaThixo (uMdali)
11. Ukukholelwa kuThixo Omnye (*Monotheism*)
12. Onyana bakaThixo
13. Insindiso noMsindisi
14. Onolwazi lwezinto Zonke
15. Imiqondiso (*Miracles*)
16. Indlela yokubulisa
17. Iziselo ezinxilisayo

18. Inyama yehagu
19. Ukuhlinzwa kwezilwane
20. Ukutya inyama enegazi
21. Abasetyhini abazimbozile (*Veiled*)
22. Ukucoceka (ukuhlamba umzimba onke)
23. Ukutshata abafazi abaninzi *(polygamy)*
24. Ukuqubuda kwizithixo, izithombe eziqingqiweyo, imifanekiso neZiphambano
25. Ukukrexeza (*adultery*)
26. Ukucoceka – Ukweluka (*circumsicion*)
27. Iindevu kunye nempahla yokunxiba ende
28. Igama likaMuhammad latshiwo kwiTestamende eliDala
29. AmaSulumane atshiwo eBhayibhelini
Isiphetho
Izincwadi zokungqinela *(references)*

## I N T S H A Y E L E L O

Igama eli: ***"Kristu"*** liphuma olwimini lwesi-*Greek* elithi ***"Khristos"***, elitsho: ***"ogcotshiwe"***. Nalo lithathwe egameni lesi-*Hebheru,* elithi: ***"Masiah"*** (uMesiya), lisetshenziswa kuYesu njengegama lokumhlonipha *(title)*.

Igama elithi: ***"amaKrestu"*** (*Christians*) litsho abalandeli baka-Krestu.
Igama elithi: ***"Muslim"*** lona litsho umntu ozinikela entandweni kaThixo.

uYesu (*uxolo nesibusiso sika-Allah kube kuye*) wasithi:-

*"Ze ningacingi ukuba ndize kuchitha umthetho okanye umyalelo wabaprofeti: Andizanga kuchitha (umthetho), kodwa ndize kuzalisekisa. Inene, ndithi kuni, lingaphela izulu nehlabathi, kodwa akuyi kupheliswa nalinye iganyana nokuba lisuntswana emthethweni, kungathanga kwenzeka konke."* **(uMatewu 5:17-18)**

uYesu (u.k.k.) ubengenalo ilungelo lokutshintsha umthetho. Ubenelungelo lokuzozalisekisa, nokungqinela, nokucacisa, nokuzalekisa (lowo mthetho) ze uvumelane nezimo ezintsha okanye ezahlukeneyo ngendlela ethile.

# *(1). UKUTHELEKISA*

## INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO

1. **UKUCOCEKA**:- (Ukuhlamba ngaphambi komthandazo)

UMoses (u.k.k) no-Aron (u.k.k) bebekade bezihlamba ngamanzi ngaphambi komthandazo, beqhele ukuhlamba izandla neenyawo maxesha onke ngaphambi kokungena eTendeni yokuhlangana, nangaphambi kokusondela eduze ne-althari. Esi senzo bekungumyalezo kaThixo: ***(Ex. 40:31-32)***. uDavide (u.k.k): ***(iindumiso 26:6), (2 Samuweli 12:20)***.

uYesu (u.k.k) akakhange aphikisane nesenzo sokuhlamba ngaphambi komthandazo. Kwachazwa encwadini ***(EkaYakobi 4:8)***:- *"Sondelani kuye uThixo, naYe uyosondela kuni. Hlambani izandla zenu, nina boni! Nizenze nyulu iintliziyo zenu…"*

uYesu (u.k.k) wawulandela lo mthetho (wokuhlamba ngaphambi komthandazo), wawuzalekisa kakuhle, ngoba bekade kungumthetho kaThixo.

**i. Indlela yobuKrestu:-**

AmaKrestu abawulandeli umyalezo (kaSomandla) wokuzicocisa ngaphambi kokuthandaza ezicaweni zabo. Abazihlambi izandla neenyawo ngaphambi kokuthandaza njengoba kuyale uThixo. Abawulandeli umyalezo owazalekiswa nguYesu (u.k.k).

**ii. Indlela yamaSulumane:-**

AmaSulumane ayawulandela umyalezo (kaThixo) wokuhlamba ngaphambi kokuthandaza ezicaweni zabo. Bahlamba izandla, iinyawo, nobuso, njalo-njalo. ***(iKhurani 5:6)***. U-Uthman ibn Affan (sengathi u-Allah angonwaba ngaye) watsho ukuba uMprofeti Muhammad (u.k.k) wake wathetha kanje:- *"Umntu uhlamba ngendlela efaneleyo, izono zakhe zizophuma emzimbeni wakhe, nditsho nangaphantsi kweenzipho zakhe."* (**Sahih Muslim**).

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(2). UKUTHELEKISA*

## INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO

**2. Ukukhulula izihlangu ngaphambi kokuthandaza**

uMoses (u.k.k) wake wafumana umyalezo kaThixo wokuba akhulule iimbadada zakhe ngaphambi kokunyathela indawo engcwele, kunye nokuthandazela kuyo leyo ndawo ***(Ex. 3:5; iZenzo 7:33)***.

uYesu (u.k.k) naye wawugcina lowo mthetho, wawulandela kakuhle ngoba bekungumyalezo kaQamata.

**i. Indlela yobuKrestu:-**

AmaKrestu awazikhululi izihlangu ngaphambi kokungena nokuyothandazela ezicaweni zabo. Okutsho ukuthi abawulandeli umthetho owazalekiswa nguYesu (u.k.k).

**ii. Indlela yamaSulumane:-**

AmaSulumane ayazikhulula izihlangu ngaphambi kokungena nokuthandazela ezicaweni zabo (*masjid*). iKhurani eNgcwele ithethe ngolu hlobo:- ***(ku-20:11-12)***.

Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***“Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?”*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(3). __UKUTHELEKISA__*

## INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO

### 3. Amaxesha abekiweyo omthandazo weentsuku zonke

Amaxesha abekiweyo omthandazo (weentsuku zonke) ngokutsho kweBhayibheli: kukusasa, nasemini enkulu. ***(iindumiso 55:17)***, futhi kunokwenzeka ukubai kube nemithandazo eminye phakathi kwalawo maxesha omathathu. Kutshiwo encwadini **(yeendumiso *119:164*)** okokuba: *“Ndikudumisa kasixhenxe ngemini ngenxa yezigwebo zobulungisa bakho.”* iBhayibheli elibhalwe ngolwimi lwesi-*Aramaic*, elitolikelwe olwimini lwesiNgisi, lona lithethe ngomthandazo wakusasa ***(iindumiso 5:3, 119:147),*** kunye nomthandazo waphakathi nobusuku ***(iindumiso 119:62)***. Kukho amaxesha abekiwe okuthandaza ***(iindumiso 32:6; 69:13)***, Ngokutsho kuka-Davide (u.k.k), kwakukade kungamukelekile ukungahhoyi amaxesha abekiweyo okuthandaza. uYesu (u.k.k) naye wawuzalekisa kwaye waphinda wawulandela ngokupheleleyo lowo umthetho.

#### i. Indlela yobuKrestu:-

Ininzi lamaKrestu lilandela indlela eqhelekile yamaxesha okuthandaza kusasa nangokuhlwa, ze bacele ukubusiswa kokutya ngaphambi kokuba kutyiwe. Ukungabi nohlelo olubekiweyo (lomthandazo) kwenza ukuba kungabikho ukunyanzelekiseka ngobukho bomthandazo, nokuphindwa-phindwa ngendlela ezobe ibekiweyo. Okutsho ukobana abawulandeli umthetho owazalekiswa nguYesu (u.k.k) omayelana namaxesha abekiweyo omthandazo (weensuku zonke).

#### ii. Indlela yamaSulumane:-

AmaSulumane ayawulandela umthetho wokuthandaza ngamaxesha abekiweyo njengoba kuyimfuneko kubo ukuba bathandaze izihlandlo ezinhlanu ngemini, nsuku zonke. Umthandazo ngamnye uthatha ixesha elingaba imizuzu emihlanu ukuya kwelitshumi. Leyo mithandazo yenziwa ngamaxesha athile abekiweyo:- (1). Kusasa, (2). Emini enkulu, (3). Emva kwemini enkulu, (4). Emva kokutshona kwelanga, (5). Kunye nasemalanga. Yaye kukho neminye imithandazo leyo umntu ayenza ngokuthanda kwakhe. Khangela kwi*Khurani eNgcwele*:- (***20:132; 7:205; 33:42; 48:9; 76:25; 24:58; 52:49; 17:78; 11:114; 20:30***).

Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***“Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?”*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(4). __UKUTHELEKISA__*

## INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO

### *4. Ukuthandaza ubhekise ecaleni elithile (eYerusalem okanye e-Kaaba ese-Makkah)*

uDavide (u.k.k) ubekhonza uThixo ebhekise ecaleni laseTempelini engcwele ***(iindumiso 5:7; 138:2).*** Ngokombiko wencwadi ebizwa ***"Gill's Exposition of the Entire Bible"***,*"(icala okuthethwa ngalo apha) akusilo lweTempeli yaseYerusalem, njengoba yayingakakhiwa … kodwa kwakuthethwa nge-tabernacle kaMoses leyo kuyo bekukhona i-Areki."* Yize kunjalo, i-areki leyo kaMoses kwakungelona iTempeli elingcwele! Ngoku umbuzo ocacileyo uthi: yiliphi elinye iTempeli elingcwele elo uDavide (u.k.k) abebhekisa kulo xa ebethandaza? uSolomon (u.k.k) yena ubebhekisa kwicala laseTempelini engcwele ebelise-Yesarulem ***(2 Izikronike 6:21)***. Kanjalo ngoDaniyeli (u.k.k), khangela encwadini ***(ka-Daniyeli 6:10)***. Kwabanjalo nango-Jonah, njengoba kutshiwo ***(ku-Jonah 2:7)***.

Ngexesha likaYesu (u.k.k) icala okwakubhekiswa kulo xa kuthandazwa bekungelase Yerusalema ***(uYohane 4:20-21)***. uYesu (u.k.k) wathi abantu abakholwa ngokwenyani bakhonza uThixo *"ngomoya nangenyaniso"* ***(uYohane 4:23-24)***, okutsho ukuba *"bazoba nokwethembeka ekukhonzeni kwabo."* Akutsho ukuba bazokhonza uMdali bebhekise okanye kunoba iliphi icala. uYesu (u.k.k) walandela ezinyathelweni zabaprofeti basendulo njengoba naye abethandaza ebhekise ecaleni leTempeli engcwele.

**i. <u>Indlela yobuKrestu</u>:-**

Iicawe zasendulo bekade zakhiwa ngendlela yokubana ibandla libhekise ecaleni laseMpumalanga, okwakuliphawo lukaKrestu (lokuphuma kwelanga). Bekusisenzo esiqhelekileyo ukuba abantu bathandaze bebhekise eYerusalem. Kwathi kamva, amaKrestu basethandaza bebhekise noba kukweliphi icala. AmaKrestu abamlandeli uYesu (u.k.k), futhi abathandazi bebhekise ecaleni elithile.

**ii. <u>Indlela yamaSulumane</u>:-**

AmaSulumane asendulo abekade ebhekisa ecaleni laseYerusalem xa bethandaza, kodwa okho bakwenza ixesha elifutshane. Kwase kwenzeka ukuba uMdali (u-Allah) ayale uMprofeti uMuhammad (u.k.k) ukuba atshintshe elo cala libe lolwase-*Ka'bah* eMakkah. ***(iKhurani 2:144)***.

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(5). <u>UKUTHELEKISA</u>*

## <u>INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO</u>

**5. <u>Ukuthinta phantsi ngobuso, isiphongo sithinte phantsi</u>**

AbaProfeti basendulo kunye nabalandeli babo bebeqhele ukubeka ubuso phansi xa bethandaza, njengo-Abrahama (u.k.k) ku-**(*Gen. 17:3; 17:17)***, uMoses (u.k.k) no-Aroni (u.k.k) ku-***(Ex. 34:8), (iNumeri 16:22; 20:6),*** uJoshua (u.k.k) encwadini ka-***(Joshua 5:14; 7:6)***, no-Elija ***(1 Ookumkani 18:42)***, noDavide (u.k.k) encwadini ***(yeendumiso 22:29)***, ***(1 Samuweli 20:41)***, ngemva kokuba uSolomon (u.k.k) esegqibe ukuthandaza: ***(2 Izikronike 7:3)***, ngexesha bekuthandaza u-Ezra (u.k.k): ***(uNehemiya 8:6)***, iZingelosi eziNgcwele: ***(isiTyilelo 7:11)***.

uYesu Krestu (u.k.k) akakaze ayale abantu ukuba bakhonze yena endaweni kaMdali. Lo mthetho wawucaciswe kakuhle encwadini ***(ka-Numeri 23:19)***:- *"UThixo akamntu ukuba athethe amanga, akananyana waluntu ukuba azohlwaye…"* UThixo akamntu: ***(1 uSamuweli 15:29)***, ***(uHosiya 11:9)***. uYesu (u.k.k) wawuzakelisa lo mthetho, wawulandela kakuhle, waqubuda, ubuso bakhe buthinte phantsi njengoba ebekhonza uThixo ***(uMatewu 26:39)***, ***(uMarko 14:35)***, nabafundi bakhe bakwenza okho ***(uMatewu. 17:6)***.

i. **Indlela yobuKrestu:-**

AmaKrestu aqubuda phantsi ngamadolo ngaphambi kwesiphambano, izandla zihlangene ndawonye ngelixa bethandaza, balingisa uphawu lwesiphambano ngezandla, beqala esiphongweni, nasesifubeni, bagcine emahlombe. Leso senzo asizange senziwe nguYesu (u.k.k). AmaKrestu awasenzi isenzo sokuqubuda, bethinta phantsi ngobuso xa bethandaza. Abayilandeli indlela kaYesu (u.k.k) yokuthandaza.

ii. **Indlela yamaSulumane:-**

AmaSulumane asenza isenzo sokuqubuda, ubuso buphantsi, iimini zonke xa bethandaza. Khangela kwiKhurani eNgcwele ***(22:77), (7:206), (13:15), (17:109), (19:58), (25:60), (96:19), (32:15), (38:24), (53:62), (76:26), (10:9-10).***

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(6). UKUTHELEKISA*

**INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO**

**6. Ukuphakamisa izandla ngemva komthandazo**

uSolomon (u.k.k) ubeqhele ukuphakamisa izandla qho ngemva kokuthandaza ngenhloso yokudumisa uSomandla, ecela izibusiso zaKhe: ***(1 Ookumkani 8:54)***.

uYesu (u.k.k) naye walizalekisa eli siko, walilandela kakuhle qho xa edumisa uQamata.

i. **Indlela yobuKrestu:-**

AmaKrestu abasilandeli esi senzo ngemva kokuthandaza. Abalandeli isiko lokudumisa elilandelwa nguYesu (u.k.k).

ii. **Indlela yamaSulumane:-**

AmaSulumane bayalizakelisa eli siko lokuphakamisa izandla xa betsho amagama endumiso abizwa ***i-"Qunoot"***, yaye ngemva komthandazo bezakelisa isiko lokuphakamisa izandla, apho sebetsho amagama okuzicelela izibusiso kuThixo, beMdumisa yaye bezicelela nokulibalelwa izono. ***(iKhurani eNcgwele 2:255; 25:74)***.

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(7). UKUTHELEKISA*

**INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO**

7. **Ukuzila** ***(Fasting)***

uMoses (u.k.k) wazila iimini ezingamashumi amane, apho ebengatyi kwanto, engaseli ngitsho namanzi: ***(Deut. 9:9)***, ***(Ex. 34:28)***. AbaProfeti basendulo nabo bebezila:- uDavide (u.k.k), njengoba kutshiwo ku-***(2 Samuweli 12:22)***, no-Elijah (u.k.k) njengoba kutshiwo ku-***(1 Ookumkani 19:8)***, no-Ezra (u.k.k) njengoba kutshiwo ku-***(Ezra 10:6)***, no-Daniyeli (u.k.k) naye eyakhe indaba yokuzila itshiwo ku-***(Daniyeli 9:3)***. Ngelixa uYuda esekukhobokeni e-Babylon, kwakufezwa isiko lokuzila ngeenyanga ezithile ezazikhethiwe: ***(uZekariya 8:19)***. Encwadini ka-***(Yeremiya 36:6)***, kuthethwa ngokubakhona kwelanga olukhethekile olwalubekelwe ukuzila. Khona apho encwadini ka-***(Yeremiya 36:9)*** kutshiwo okokuba bekukho inyanga ebeyikhethelwe ukuzila (yesithoba ye-*calendar* yamaSulumane).

uYesu (u.k.k) naye walizakaliza eli siko lokuzila, wazila iinsuku ezingamashumi amane, engatyi kwanto, yaye engaseli manzi. Kuthe ngemva kwalapho, uYesu (u.k.k) waziva elambile ***(uMatewu 4:2; 6:16)***. uYesu (u.k.k) wawulandela kakuhle lowo mthetho.

i. **Indlela yobuKrestu:-**

Eyo ndlela amaKrestu azila ngayo yohlukile: abanye bazila ukutya yonke into, kanti abanye bazila uhlobo oluthile lokutya (njengenyama, inhlanzi, inkukhu okanye amaqanda), kanti abanye bona bazila uhlobo oluthile kuphela lweziselo (njenge-wine okanye ubisi).

AmaKrestu awazili ngendlela uYesu (u.k.k) abenza ngayo, njengokuba bangatyi kwanto, bangaseli kwanto, ixesha elithile. Oko kutsho ukubana ekuzileni kwabo, abeva buhlungu bendlala kunye nenxano. Abawulandeli umthetho owawulandelwa nguYesu (u.k.k).

ii. **Indlela yamaSulumane:-**

AmaSulumane azila kusukela kusasa gqithi ze kube sekutshoneni kwelanga, ixesha lenyanga yonke ye-***Ramadan***. Ngelo xesha, akutyiwa kwanto, akuselwa kwanto, kuzilwa ukuhlangana ngokocansi, akutshwaywa, bese kuzilwa izenzo ezingalunganga njengokuhleba nobuxoki, kunye nezinye izinto zolonwabo. AmaSulumane ayabuva ubuhlungu bendlala nenxano, yaye ukuzila kubenza bakwazi ukuhlonipha nokuzithobela uMdali, bese kubakhona ukuvelana ubuhlungu nabanye abantu abasweleyo. Ukuzila kubanceda ukuba bakwazi ukuzivimba ezintweni ezimbi, nokulawula imiva yabo, kubancede nokubana badibane ndawonye kukho konke abakwenzayo. ***(Khangela iKhurani eNgcwele 2:183-185, 187, 196)***.

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(8).* ***UKUTHELEKISA***

## INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO

8. **Isithunywa noMprofeti kaSomandla**

uYesu (u.k.k) wakutsho kwacaca ukuba ubethunywe nguMdali, okutsho ukuba ubeyiSithunywa sikaThixo ***(uYohane 4:34; 5:30; 6:38; 7:16; 11:41-42; 17:3; )***. uYesu (u.k.k) ubezibiza ngokuthi yena unguMprofeti ***(uLuka 13:33-34)***, abanye nabo bebembiza uMprofeti ***(uLuka 7:16; 24:17-22) ; (uYohane 4:19; 6:14; 9:17); (uMatewu 21:11)***. uYesu

(u.k.k) ubebizwa isisebenzi sikaSomandla: ***(iZenzo 3:13; 4:27)***. uYesu (u.k.k) ubethunyelwe kuphela (emhlambini wezimvu odukile) wendlu yakwa-Israyeli, hhayi abezizwe (*Gentiles*): ***(uMatewu 10:5-6; 15:24-27)***. uYesu (u.k.k) ubebizwa ngokuthi *"ungunyana oMntu"*: ***(uMatewu 12:32; 12:40; 17:9); (uYohane 6:27)***. uYesu (u.k.k) uphinde wachazwa *"njengomntu ovunyelwe nguMdali"*: ***(iZenzo 2:22)***. Lowo mthetho kwathethwa ngawo kwiTestamende eliDala kwathiwa: *"uThixo akamntu ukuba angaba nobuxoki, okanye unyana womntu ukuba angazihlawula ..."* ***(uNumeri 23:19)***. *"uMdali akamtntu"*. ***(1 uSamuweli 15:29); (uHosiya 11:9)***.

Imithandazo kaYesu (u.k.k) yayiphendulwa ngawo onke amaxesha, kodwa yayiphendulwa ngokuthunyelwa kweNgelosi eyayivela kuye ze imnikeze amandla: ***(uLuka 22:43)***. uYesu Krestu (u.k.k) wawuzalisekisa umthetho wobuprofeti nokuba isithunywa sikaSomandla. Wakutsho yena ngokwakhe ukuba uyiSithunywa noMprofeti kaThixo.

**i. <u>Indlela yobuKrestu</u>:-**

AmaKrestu akholelwa ekutheni uYesu ungowesibili kothixo abathathu (*Triune God*) – okutsho ukuba ungunyana kulobu buthathu, aphinde abenguThixo ngokuphelele. AmaKrestu akholelwa ekutheni uYesu "uNgcwele" yaye unobuThixo kuye. Okutsho ukuba ukabini: unguThixo, aphinde abe ngumntu ngaxesha elinye. Kuyinkolelo yamaKrestu ukuba umdibanisi phakathi kukaThixo nomntu kunyanzeleke ukuba abe ngumntu yaye abe nguThixo, hayi ukuba abe ngumntu kuphela nje. ***(1 Timothy 2:5)***.

Ininzi lamaKrestu abakholelwa ukuba uYesu (u.k.k) ubeyiSithunywa, okanye uMprofeti, okanye iNceku kaThixo, nokuba ubengumntu njengawo wonke umntu; njengokuzitsho kwakhe yena uYesu (u.k.k). AmaKrestu abawulandeli umthetho owazakeliswa nguYesu (u.k.k).

**ii. <u>Indlela yamaSulumane</u>:-**

AmaSulumane akhombisa inhlonipho enkulu yenkolo xa bethetha ngoYesu (u.k.k) nonina okhethekileyo ongcwele, uMariya. AmaSulumane akholelwa ukuba uSomandla wehlisela izityhilelo ezingcwele ku-Abrahama noMoses, nakuYesu kunye nakwabanye abaprofeti. Ngaleyo ndlela, amaSulumane akholelwa ukuba uYesu (u.k.k) ungomnye weziThunywa zika-Allah. Ubenolwazi nokuhlakanipha, ubebusisekile, wazalwa ngaphandle kokuba nobawo njengo-Adamu (u.k.k). Ukuzalwa kukaYesu (u.k.k) obengumqophiso akumenzi ukuba abe nguThixo, okanye unyana wakhe, okanye umntana obelethwe nguThixo. Ikhurani Ibiza uYesu (u.k.k) ngeZwi lika-Allah. Lonto etsho okobana ungu-Allah okanye unyana waKhe. ***(iKhurani 112:1-4; 5:73; 19:31-33)***.

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(9). <u>UKUTHELEKISA</u>*

## <u>INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO</u>

**9. <u>Ukuzinikela kwintando kaThixo</u> (Islam)**

uYesu (u.k.k) wazinikela kwintando kaThixo ***(uLuka 22:42)***. ***(uMatewu 26:39); (uMarko 14:36)***. Ebhayibhelini lokuqala elalitolikwe ngolwimi lwesi-*Greek*, kwakuthethwe *"ngokuzinikela kwintando kaThixo"*: ***(uYakobi 4:7)***.

Olwimini lwesi-*Greek* lwakudala, kunye nasolwimini olutsha (lwaso isi-*Greek*), xa lutolikwa ngesiNgisi lithi: *"Ze uzinikele kwintando kaThixo"* (okutsho ukuthi *"Yiba liSulumane")*. uYesu (u.k.k) ubekhonza uThixo: ***(uLuka 5:16); (uMatewu 26:39; 26:42; 26:44)***. uYesu (u.k.k) wathandaza kuThixo, wacela uncedo kuye nangexesha evusa uLazaru kwabafileyo: ***(uYohane 11:41-43)***. uYesu (u.k.k) ubevamise ukuzwakaliza ukuzithoba ngaphansi kukaThixo: ***(uYohane 5:30; 14:31)***. uYesu Krestu (u.k.k) wawufezakalisa lo mthetho wokuzinikela kwintando kaThixo. Okutsho ukuba uYesu (u.k.k) wangqinela ukuba yena ubeliSulumane.

**i. Indlela yobuKrestu:-**

AmaKrestu azinikele kakhulu kuYesu, bakholelwa ukuba nguYesu kuphela ongumdibanisi wabantu noMdali. Oku kutsho ukuba bona bazinikele kwintando kaYesu (hayi entandweni kaThixo, uMdali).

AmaKrestu abayihoyi indaba yokuba uYesu (u.k.k) wavakalisa ukuba uzithobela ubukhulu bukaThixo, yaye ubezinikele entandweni kaThixo. Okhu kutsho ukuba amaKrestu awawulandeli umthetho owazalekiswa nguYesu (wokuzinikela kuThixo kuphela, hayi kwesinye isidalwa sikaThixo uMdali).

**ii. Indlela yamaSulumane:-**

AmaSulumane akholelwa ukuba bonke abaProfeti ababekhona kusukela ekuqalekeni kwendalo nabo bebengamaSulumane: (kusukela ku-Nowa, u-Abrahama, uYakobi, u-Loti, uYosefa, uMoses, uSolomon, uYesu, kunye noMprofeti wokugqibela, uMuhammad (u.k.k) njengoba bebeshumayela umlayezo ofanayo bonke. Inkolo yabo yayimalunga: *"Nokuzinikela entandweni kaThixo, uMdali wezinto zonke"*. Okutsho ukuba bangqinela into yokubana nabo bebesenkolweni ye-Islam. ***(iKhurani (2:128, 132-133); (3:19-20, 52, 83); (5:3, 44); (10:72); (12:101); (27:30-31, 38, 42, 44); (40:66); (51:31-36)***.

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(10). UKUTHELEKISA*

## INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO

**10. Igama likaThixo, ngu-Allah (uMdali)**

uYesu (u.k.k) wayethetha ulwimi lwesi-*Aramaic*. Igama likaThixo olwimini lwesi-*Aramic* ngu-***"Alah"***. Olwimini lwesi-*Arabic* igama likaThixo kuthiwa ngu-***"Allah"***. Olwimini lwesi-*Hebheru* igama loMdali wemvelo kuthiwa ngu-***"Eloh"*** – okwenza lifundeke kuthiwe ***"Alah"*** uma kungafakwanga izimpawo zokubhala (*diacritical marks*). Uma selibhalwe kanje: ***"Elohim"***, lisuke selikhomba ubuninzi (*plural*) bokukhombisa inhlonipho eBhayibhelini yolwimi lwesi-*Hebheru*: ***(Gen. 1:1)***. Ngokutsho kweBhayibheli, uYesu (u.k.k) wasebenzisa omabini amagama athi: **"ELI" neli-"ELOI"**: ***(uMatewu 27:46)*** & ***(uMarko 15:34)***. Omabini amagama lawa asuka kweli gama lolwimi lwesi-*Hebheru*: **"ELOH"**, Olwimini lwesi-*Arabic* kuthiwa: ***"Elah"*** okanye ***"Allah"***, okungamagama angasondelanga ntlobo negama elithi: ***"Jehovah"***.

**i. Indlela yobuKrestu:-**

Igama likaThixo kumaKrestu akhuluma ulwimi lwesi-*Arabic* ngu-***Allah.*** AmaKrestu awasebenzi amagama anje ngalawa: ***"Eloh"***, noba ***"Eli"*** noba ***"Eloi"*** njengamagama aqondiswe kuThixo uMdali. Okutsho ukuba abayilandeli indlela kaYesu yokwenza izinto zokholo.

**ii. Indlela yamaSulumane:-**

AmaSulumane akhonza yena loya Thixo obekhonzwa ngabaProfeti abanjengo-Nowa, u-Abrahama, uMoses, uDavide kunye noYesu (*ukuthula kube kubo bonke*). Igama likaMdali wezinto zonke ngu-***Allah***. ***(iKhurani: 2:225; 59:22-24; 112:1-4)***.

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(11). UKUTHELEKISA*

## INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO

**11. Inkolelo yokubana uThixo Mnye (*Monotheism*)**

Akekho nomnye kubaprofeti bakudala owashumayela ngenkolelo yoThixo abaThathu (*trinity*). Kunalokho, bebeshumayela inkolelo ethi uThixo Mnye (*Monotheism*). *"Ungabi nabanye oThixo ngaphandle kwam"*. ***(Ex. 20:3)***. Amagama kaThixo qobo, apho ezitsho ubuYena bakhe, acacile, alula yaye awanakho ukuziphikisa okanye ukudida ingqondo:- *"NdinguThixo, iNkosi yakho."* Bonke abaprofeti bakaThixo babeshumayela inkolelo ethi uThixo Mnye (*Monotheism*): uMoses (u.k.k) uyakungqinela okhu encwadini ka: ***(Ex. 3:14-15; 18:11; 20:2-5); (Gen. 17:1); (Lev. 19:3-4); (Deut. 6:4-9, 13)***. uDavide (u.k.k) naye wakungqinela oko: ***(iindumiso 83:18; 104:1; 105:7; 118:27-28)***; noSolomon (u.k.k):- ***(Prov. 9:10); (Ecclesiastes 12:13)***; no-Isaiah (u.k.k):- ***(Isaiah 40:28; 43:10; 44:6; 45:19, 21-23)***. *"...kuba akukho mntu ondibona aphile..."* ***(Ex. 33:20)***. *"UThixo akamntu ukuba athethe ubuxoki. Akasiye unyana wamntu ukuba azohlwaye"* ***(uNumeri 23:19).*** uThixo akamntu***: (1 uSamuweli 15:29)***, ***(uHosiya 11:9)***.

uYesu (u.k.k) wake wathetha ngolu hlobo: *"Owona ungaphambili kuyo yonke imithetho ngulo: Yiva, Sirayeli, uThixo iNkosi yethu nguYe inye, ..."* ***(uMarko 12:29)***. Akukho apho uYesu (u.k.k) ake wathi khona: *"NdinguThixo, khonzani mna."* Yena ngokwakhe ubekhuthaza abantu ukuba bakhonze uThixo, uMdali kuphela, nokuba baqondise imithandazo yabo kuYe, babe zinceku zaKhe. ***(uMarko 12:28-29; 14:32); (uLuka 4:8; 5:16); (uYohane 17:3); (uMatewu 4:10)***. uYesu (u.k.k) wathi: *"Akukho mntu olungileyo ngaphandle kukaThixo kuphela."* ***(uLuka 18:18-19); (uMarko 10:18); (uMatewu 19:17)***. *"Akukho mntu ongabona uThixo, okanye eve izwi lakhe."* ***(uYohane 5:37)***. Ukuba Mnye kukaThixo kuphinde kwathethwa ngako futhi encwadini ***(ka-Yakobi 4:12)***. uThixo akajiki ***(Yakobi 1:17)***.

Abafundi bakaYesu (u.k.k) baye bazamukela lezi zimfundiso yaye bakholelwa kuThixo oMnye. uYesu (u.k.k) wayilandela kakuhle imfundiso yokukholelwa kuThixo oMnye, yaye naye wayizalekisa (ngokungqina ngezenzo).

**i. Indlela yobuKrestu:-**

AmaKrestu sebevele bephule umthetho wokuqala ngokukhonza uYesu (u.k.k), nokumthatha njengonyana (ozelwe emnye nguThixo). Ingqungquthela (*council*) yokuQala yase-***"Constantinople"*** yiyo eyavela nenkolelo yoThixo abaThathu (eyagqibela ingumthetho wesisekelo senkolo y*amaKrestu*), waphindei wachaza ukuba uMoya oNgcwele unamandla kaThixo ngendlela efanayo nakuNyana, njengokuyala kwengqungquthela ebizwa: ***"Council of Nicaea"*** eyayikhona eminyakeni ewu-56 ngaphambilini kwalapho. Kwatsho ukuba kalokhu sekufakwe oThixo ababini (ze babemnye noThixo ebuKumkaneni bakhe):

***a) uThixo uTata = uMdali,***
***b) uThixo uNyana = uMsindisi,***
***c) uThixo uMoya oNgcwele = uMaluleki.***

AmaKrestu avele aphuma nhlobo ekukholelweni kuThixo oMnye. Baphakamisela uYesu (u.k.k) phezulu kakhulu kwisikhundla sobuThixo. Oko kutsho ukuba amaKrestu abalandeli isiko (elalilandelwa nguYesu) lokukholelwa kuBunye bukaThixo *(Monotheism*).

**i. Indlela yamaSulumane:-**

AmaSulumane akholelwa ekutheni bonke abaProfeti bebethunywe nguThixo oMnye, onguMdali (wezinto zonke), ebathume ukuzisa umyalezo lo (obekade ufana kubo bonke): *"UThixo wenyaniso Mnye kuphela, khonzani Yena kuphela, yaye nizalekise imiyalezo yaKhe."* ***(iKhurani eliNgcwele: 1:1-5; 2:132, 136, 225; 5:76; 7:59; 20:8; 21:25; 27:61, 63-64; 59:23)***. ***I-Surah 112,*** iwuchaze kakuhle umthetho wenkolelo kaThixo omnye (*Monotheism*):

*"Ze uthethe ngolu hlobo:*

1. *Ndingu-Allah, oMnye,*
2. *U-Allah osisiphephelo esingunaphakade,*
3. *Akazali yaye naYe akazalwanga,*
4. *Futhi akekho ongathelekiswa naYe."*

Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(12). <u>UKUTHELEKISA</u>*

## <u>INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO</u>

### <u>12. Onyana bakaThixo</u>

Ukusetshenziswa kwamagama athi: *"onyana bakaThixo"* akutsho umntu loyo aqondiswe kuye osesimweni sobuThixo; yaye ngamagama abesetshenziswa kakhulu emphakathini wamaYuda – njengoba nabo bebezibiza ngokuthu: "*ngaBantwana bakaThixo"* okanye *"oNyana bakaThixo*". Amagama athi *"unyana kaThixo"*, eBhayibhelini abengajongiswanga kuYesu kuphela. iBhayebheli likutshilo kwacaca ukuba uThixo unonyana abaninzi! uYakobi ***(Ex. 4:22)***. uSolomon ***(2 Sam. 7:13-14)***; Ephaim ***(Jer. 31:9); Adam (uLuka 3:38).*** Nditsho nabantu-nje bebebizwa onyana bakaThixo: ***(Deut. 14:1); (Gen. 6:2; 6:4); (iindumiso 29:1); (uYobe 1:6; 2:1; 38:7)***.

uYesu (u.k.k) wachaza okokuthi *"abantu abazisa ukuthula noxolo…bangonyana bakaThixo"*. Emasikweni womphakathi wamaYuda, noba ngomphi umntu obelandela intando kaThixo, ubebizwa *"unyana kaThixo."* ***(Gen. 6:2,4); (Ex. 4:22); (Jer. 31:9); (iindumiso 2:7); (uLuka 3:38); (Rom. 8:14); (uYohane 6:35).*** Xa uYesu (u.k.k) esitsho amagama anka, eBhayibhelini: *"uNyana kaThixo"*, oko bekungamphakamiseli esikhundleni sokuba nguThixo.

Akukho apho uYesu (u.k.k) aye wathi *"Mna ndinguThixo, khonzani mna"*. Yena ngokwakhe walandela ezinyathelweni zabaProfeti, wawuzalekisa loyo mthetho.

**<u>i.</u> <u>Indlela yobuKrestu</u>:-**

AmaKrestu akhonza uYesu ongunyana kaThixo - uThixo othathwa njengowokuqala koThixo abathathu (*Triune God*). Bathatha uYesu (u.k.k) njengoThixo uqobo. AmaKrestu awawulandeli umthetho owazalekiswa nguYesu.

**<u>ii.</u> <u>Indlela yamaSulumane</u>:-**

(Ngokwenkolo yamaSulumane), uThixo nguMdali wezinto zonke, akazali noba ngomphi unyana, okanye indodakazi, noba umfazi. uThixo akadingi nyana noba inkosikazi ze bamncede (ebuKumkaneni baKhe) ngendlela ethile. NguYe kuphela iNkosi ephilayo, yaye uzimele eMnye. uThixo walilungisa impazamo yokungaqondi kakuhle kwamaYuda namaKrestu. *"Bavakele besithi: uThixo, oneNceba, uzele unyana."* Udumo lube kuYe! Abo bayizinceku nje ezanikelwa ukuhlonipheka." ***(iKhurani eNgcwele: 21:26).***

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(13). <u>UKUTHELEKISA</u>*

## <u>INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO</u>

**<u>13. Insindiso noMsindisi</u>**

Isenzo sokuthethelela izono kuyinto esemandleni kaMdali uThixo Yedwa. ***(Isaiah 33:22; 43:25; 44:22; 64:9); (Jer. 31:34); (Ez. 18:22; 33:16); (Micah 7:18-19)***. uThixo onaMandla Onke nguYe kuphela uMsindisi ***(uYakobi 1:25); (Deut. 32:15); (2 Sam. 22:3, 47); (iZikronike 16:35); (iindumiso 17:7; 18:46; 24:5; 25:5; 27:9; 38:22; 42:5; 42:11; 43:5; 65:5; 68:19; 79:9; 85:4; 89:26; 106:21); (Isaiah 17:10; 19:20; 43:3,11; 45:15,21-22; 49:26; 60:16); (Jer. 14:8); (uHosiya 13:4); (Micah 7:7); (Habakuk 3:18)***. eBhayibhelini igama elithi: *"Umsindisi"* aliqondiswanga kuYesu yedwa. iBhayibheli liyasixelela ukuba bekukho abantu ababebizwa ngokuthi: *"Msindisi"* kodwa bebengeyena uThixo. U-*Jeroboam*, unyana ka-*Jehoash*: ***(2 Ookumkani 14:27)***; no-*Othiyeli*, unyana ka-*Kenaz*: ***(Abagwebi 3:9)***, u-*Ehud*, unyana ka-*Gera*: ***(Abagwebi 3:15)***.

Ngokwencazelo kaYesu (u.k.k), insindiso icholakala kuphela ngokubambelela emiyalweni kaThixo uMdali wezinto zonke: ***(uMatewu 19:16-17)***. uYesu (u.k.k) naye ngokwakhe wawulandela yaye wawuzalekisa loyo mthetho.

**<u>i.</u> <u>Indlela yobuKrestu</u>:-**

AmaKrestu akholelwa ekutheni insindiso yabo ikuYesu; bakholelwa ukubai uYesu unguThixo, nokuba wabethelwa emnqamlezweni, kanye nokuba uYesu wabazisela insindiso nokuthethelelwa izono ngokufa kwakhe emnqamlezweni. Bakholelwa ukuba uYesu unguMsindisi wabo, nokuba uzobathethelela izono zabo neempazamo zabo. Oko kungqinela ukuba amaKrestu awawulandeli umyalezo owalandelwa nguYesu (u.k.k) qobo lwakhe.

**ii.** **Indlela yamaSulumane:-**

(Ngokwenkolelo yamaSulumane,) uThixo nguYe kuphela oyiNsindiso yabo, unguMsindisi wabo apha ehlabathini kunye nangelanga loKwahlulelwa. AmaSulumane akholelwa ukuba akufanele omnye umntu ohlwayelwe iimpazamo zabanye abantu ***(iKhurani eNgcwele: 6:164).*** AmaSulumane akholelwa nokuba uThixo wavikela umprofeti uYesu (u.k.k) esehlakalweni sokubethelwa emnqamlezweni, nokubai akakhange abulawe okanye abethelwe. ***(iKhurani eliNgcwele: 4:157).***

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(14). UKUTHELEKISA*

## INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO

**14. Ulwazi lwazo zonke izinto (*Omniscience*)**

uYesu (u.k.k) ngokwakhe watsho ukuba akanalo ulwazi lwazo zonke izinto ezingabonwa ngamehlo enyama, kunye nokuza kwelanga loKwahlulelwa: ***(uMarko 13:32); (uMatewu. 24:36)***.

**i.** **Indlela yobuKrestu:-**

AmaKrestu akholelwa ukuba uYesu unolwazi lwazo zonke izinto. (njengoba) uYesu watsho ukuba akanalo ulwazi lwazo zonke izinto, (okutsho ukubana) amaKrestu awawulandeli umyalezo owalandelwa nguYesu (u.k.k) qobo lwakhe.

**ii.** **Indlela yamaSulumane:-**

(Ngokwenkolo yamaSulumane,) uThixo nguYe kuphela onolwazi olupheleleyo lwazo zonke izinto. (u-Allah) wazi konke okumalunga nezehlakalo esezadlula, kunye nezo ezisazokwenzeka. ***(iKhurani eNgcwele: 49:18).***

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(15). UKUTHELEKISA*

## INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO

**15.** **Imiqondiso** (***Miracles***)

uYesu (u.k.k) kunye nabanye abaProfeti bebenza imiqondiso emangalisayo nehlukeneyo, (kodwa) ezo zehlakalo bezibakho ngemvume kaThixo kuphela. uMoses ***(Ex. 14:22)***, Elisha ***(2 Ookumkani 4:34; 4:44; 5:14; 6:17,20; 13:21)***, Elijah ***(1 Ookumkani 17:22), uYesu (uLuka 9:10-17), (uYohane 6:16-24), (uMarko 6:45-52), (uMatewu 14:22-33)***.

uYesu (u.k.k) ubengenzi nto ngokuthanda kwakhe, wakungqinela oko encwadini ***(ka-Yohane 5:30)*** ukuba: *"Mna ngokwam andiyi kwenza nto; njengaloko ndivayo, ndigweba ngako, nomgwebo wam ububulungisa; ngokuba andifuni kuthanda kwam, ndifuna ukuthanda kukaBawo owandithumayo."* Nasencwadini ***(ka-Yohane 8:28)*** kutshiwo ukuba: *"...andenzi nto ngokwam; ndisuka ndizithethe ezi zinto njengoko wandifundisayo uBawo."*Awa mavesi awayithinti indaba yolwazi lwezinto zonke. uYesu (u.k.k) ngokwakhe wazehlisa, waziveza njengoseqophelweni eliphansi kunoMdali uThixo. Oku kungqinela ukuba uYesu (u.k.k) wawuhlonipha nokuzawulekisa umthetho (wokuthi uMdali abekwe eqophelweni eliphakeme lokuba nolwazi lwazo zonke izinto).

**i.** **Indlela yobuKrestu:-**

AmaKrestu athatha imiqondiso emangalisayo (ehlukeneyo) eyenziwa ngabaProfeti bakudala njengobungqina bobuProfeti babo, nokuba babekwenza konke oko ngemvume kaThixo, (kodwa) imiqondiso emangalisayo ebeyenziwa nguYesu yona bayithatha njengobungqina bokuba nguThixo kwakhe (uYesu). AmaKrestu abawulandeli umthetho owalandelwa nguYesu (u.k.k) qobo lwakhe.

**ii.** **Indlela yamaSulumane:-**

AmaSulumane akholelwa ukuba uThixo ubencedisa abaProfeti baKhe abanjengo:- Abrahama, uMoses, uDavide, uSolomon, uYesu kunye noMuhammad (*ukuthula kube kubo bonke),* ukuba bakwazi ukwenza imiqondiso ebekade iseqophelweni lokuqondwa ngabantu bendawo leyo uMprofeti ngamnye abephila kuyo. Leyo miqondiso babeyenza kuphela ngokuvunyelwa nguThixo. Phakathi kwiKhurani eNgcwele, igama likaYesu (u.k.k) litshiwo amahlandlo awu-25. Igama likanina (uMariya) lona kuthethwe ngalo amahlandlo awu-34, kanti igama lika-Muhammad (u.k.k) livezwe kathathu nje kuphela, kwathi lika-*"Ahmad"* lavezwa kwaba kunye kuphela.

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# ***(16). UKUTHELEKISA***

## INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO

**16.** **Ukubulisa**

uDavide (u.k.k) ubeqhele ukubulisa abantu esithi: *"Shalom Aleichem."* Lawo ngamagama olwimi lwesi-*Hebheru*, atsho oku: *"Uxolo malube kuni."* ***(1 Sam. 25:6.*** uYesu (u.k.k) walilandela elo siko njengoba naye ebebulisa ngendlela efanayo, ethi: *"Uxolo malube nani."* ***(uYohane 20:19,21,26); (uLuka 24:36).*** uYesu (u.k.k) walizalekisa elo siko (lokubulisa).

**i. Indlela yobuKrestu:-**

AmaKrestu awatsho lamagama athi *"Uxolo malube kuni"* xa bebulisana. (Kuyacaca into yokubana) amaKrestu awalilandeli isiko elazalekiswa nguYesu (u.k.k).

**ii. Indlela yamaSulumane:-**

AmaSulumane abulisana ngokuthi: *"As-salamu alaikum"*, okungamagama olwimi lwesi-*Arabic* atsho ukuba: *"Uxolo malube kuni"* ***(iKhurani: 6:54; 7:46; 11:48; 11:69; 13:24; 14:23; 36:58; 39:73; 97:5).***

> Kaloku ke, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(17). UKUTHELEKISA*

## INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO

**17. Isiselo esinxilisayo**

AbaProfeti bakudala bebengasiseli isiselo esinxilisayo. uMoses (u.k.k): ***(Lev. 10:8-10), (Num. 6:1-4)***, uSolomon (u.k.k): ***(Prov. 20:1; 23:29-33)***, u-Isaiah: ***(Isaiah 5:11-12; 5:22-24)***, uSamueli: ***(Judges 13:4-7)***. uYesu (u.k.k) wawuhlonipha ngokupheleleyo lowo mthetho.

Malunga nomqondiso "w*okutshintsha amanzi ukuba abe i-wayini"*, esifumaneka kuphela ***(ku-John 2:1-11)***, nokuyinto ephikisana njalo nezinye izincwadi zeVangeli (*Gospels*), izazi zeTestamende eLitsha zivakalise ukungabi nokwethemba okokuba (eso siqondiso) senzeka ngokwenyani.

**i. Indlela yobuKrestu:-**

Ininzi lamaKrestu basela iintlobo ezahlukeneyo zeziselo ezinxilisayo, bengazinaki ezinye izingxenye zezwi likaThixo njengoba bezixelela ukuba eminye imiyalelo ibingenzelwanga bona. (Kucacile okokuba) amaKrestu abawulandeli umthetho obewulandelwa nguYesu (u.k.k).

**ii. Indlela yamaSulumane:-**

Kuyinto eyaziwayo kubo bonke amaSulumane ukuba isiselo esinxilisayo asivunyelwa nhlobo, kuba sizisa ukuphazamiseka kodibano okuphakathi kwabo noMdali wabo, yaye sisizathu semithelela engemihle ezintweni ezininzi, esingabala phakathi kwazo: ukubakho kwezinxaki ebomini babantu, nasemphakathini jikelele. ***(iKhurani: 5:90).***

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(18). <u>UKUTHELEKISA</u>*

## <u>INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO</u>

**<u>18. Inyama yehagu</u>**

uMoses (u.k.k) ubengadli inyama yehagu ngokomyalezo ongamvumeli, osencwadini ka ***(Lev. 11:7-8)*** nasencwadini ka ***(Deut. 14:8)***, uYesu (u.k.k) wawulandela ngokupheleleyo lowo mthetho: ***(Matt. 5:17-18)*** naku ***(Luka 24:44).***

**<u>i.</u> <u>Indlela yobuKrestu</u>:-**

Ininzi lamaKrestu bayayitya inyama yehagu. Abazihoyi ezinye iingxenye zezwi likaThixo njengoba babezixelela ukuba eminye imiyalezo beyingenzelwanga bona. Izazi zenkolo yobuKrestu zitolike izintshumayelo nezintetho zikaPawulos ezazimayelana nokutyiwa kwemifino yodwa ***(Romans 14:2-3)*** ngendlela yokuba kubengathi ukutyiwa kwezidlo ezingalunganga kuvunyelwe. (Kuyacaca ukuba) amaKrestu awawulandeli umthetho obewulandelwa nguYesu (u.k.k).

**<u>ii.</u> <u>Indlela yamaSulumane</u>:-**

AmaSulumane awayityi inyama yehagu kunye neemveliso ezenziwe ngehagu kuba ayivunyelwanga ukuba ingatyiwa. ***(iKhurani: 5:3; 2:173).***

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(19). <u>UKUTHELEKISA</u>*

## <u>INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO</u>

**<u>19. Ukuhlinzwa kwezilwane</u>**

Eli gama lolwimi lwesi-*Hebheru"*: ***"Shechita"*** litsho isiko lokuhlinzwa kwezilwane kunye neentaka ngokomthetho wamaYuda olawula ukutya: ***(Deut. 12:21; 14:21); (Num. 11:22).*** Umntu ohlinza ngokulandela umthetho wenkolo ucela izibusiso zikaMdali, bese ekhwaza igama lobuKumkani bukaThixo elihlonitshwa ihlabathi lonke, akubizwa magama wezithixo apho. Kumele eso isilwane sihlinzwe *"ngentlonipho nokukhombisa uzwelo"* yilowo ohlinza ukulandela isiko lenkolo. Ukuhlinzwa kwenziwa ngokunquma imithambo nemisipha kunye neqoqoqo ngokukhawuleza, esebenzisa imesi ebukhali gqithi. Ukuhlinza ngolu hlobo kumisa ukuphalala kwegazi okuya ebochosheni, nokuba ingqondo yesilwane ime ukusebenze ngelo xesha. Ngemva kokuhlinza, inyama yeso silwane izobe seyilungele ukutyiwa. Ngolwimi lwesi-*Hebheru,* inyama enjalo ibizwa *"Kosher".* Encwadini ***(yeZenzo 15:20)***: *"Kodwa masibabhalele ukuba bazikhwebule kwizingcoliso zezithixo, nombulo, nento <u>ekrwitshiweyo</u>, <u>negazi</u>."* uYesu (u.k.k) wawulandela yaye wawuzalekisa lowo mthetho (wokuhlinza).

***<u>Ingabe ukuhlinza kuyisihluku?</u>***

Kwenziwa uphando ngalo mbuzo wokuthi kuhanjelwe iindawo apho kuhlinzwa khona, kwajongwa amarekhodi abizwa ngokuthi awe-***"EEG"*** kunye nawe-***"ECG"***. (Kubekho iimpendulo eziphikisanayo xa kujongwa iziphumo zendlela yokuhlinza yamaKrestu, nendlela yokuhlinza yamaSulumane. Izimpendulo zizokulandela).

**i. Indlela yobuKrestu:-**

Ngaphambi kokuhlinza isilwane, amanye amaKrestu akhwaza amagama obuthathu bukaThixo (*Trinity*); abanye bakhwaza igama likaYesu njengelungu lesibini lobuthathu bukaThixo, kanti abanye bona abatsho nto xa behlinza. Ezinye izinkampani ezisebenzana nokuhlinzwa kwezilwane zivele zikrwitye isilwane ngenhloso yokugcina igazi enyameni, okusisenzo esaqalekiswa encwadini ***(ye-Zenzo 15:20)***, ezinye izinkampani zisebenzisa ***i-"Captive bolt guns"***, okanye kusetshenziswe ugesi ukuzibulala, okuyinto ezixhwalisayo ezo izilwane.

Isiphumo se-***"EEG"*** siveze ukuba izilwane ziviswa ubuhlungu obukhulu gqithi (xa ukuhlinzwa kwazo kungenziwa ngokukhawuleza). AmaKrestu abawulandeli umthetho olawula ukuhlinzwa kwezilwane njengoba ufumaneka eBhayibhelini. AmaKrestu abawulandeli umthetho owawulandelwa nguYesu (u.k.k).

**ii. Indlela yamaSulumane:-**

Kukho imithetho emininzi elawula indlela yokuhlinzwa kwezilwane enkolweni ye-Islam (ebizwa *Zabiha*), nazi izinyathelo ezibalulekileyo:-

a) Umntu ohlinzayo kufanele abe li-Muslim,
b) Atsho *i-"Takbeer"* ngexesha ehlinza, athi: *"Allahu Akbar",* okutsho ukuba: *"u-Allah Mkhulu kaKkhulu"*.
c) Anyanzelekise ukuba uqoqoqo nemithambo ebalulekileyo inqunywe ngokufaneleyo. Inyama ibaseqophelweni elihle ixesha elide xa inyama ingenalo igazi, yayei oku kwenza leyo nyama ilungele ukutyiwa ngokwenkolelo yamaSulumane (*"Halaal"*).

Isiphumo se-***"EEG"*** siveze ukuba akukho buhlungu obudlulela ezilwaneni xa kulandelwa lendlela yokuhliza.
***(iKhurani: 2:173; 5:3; 6:121; 22:34).***

Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(20). UKUTHELEKISA*

## INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO

### 20. Ukutya inyama enegazi phakathi kuyo

AbaProfeti bakudala babeqaphelisa abantu ukuba bangatyi noba iyiphi inyama enegazi phakathi. Asithathe umzekeliso ka-Nowa (u.k.k): ***(Gen. 9:3-4),*** uMoses ***(Lev. 17:10-14, 19:26), (Deut. 12:16,23).***

Encwadini ***(ye-Zenzo 15:20)***, kubhaliwe ukuba: *"Kodwa masibabhalele ukuba bazikhwebule kwizingcoliso zezithixo, nombulo, nento ekrwitshiweyo, negazi."* uYesu (u.k.k) wawulandela waze wawuzakelisa lowo mthetho (wokungayityi inyama enegazi).

**i. Indlela yobuKrestu:-**

AmaKrestu bayayitya inyama enegazi (njenge-*Steak* esingavuthiswanga kakuhle), yize kungavumelekile ukuyitya: encwadini ***(ye-Zenzo 15:20,29)***. AmaKrestu anenkolelo yokuba lowo mthetho waxekiswa ngamabandla akudala. AmaKrestu abawulandeli umthetho owalandelwa nguYesu (u.k.k).

**ii. Indlela yamaSulumane:-**

Kwinkolo ye-Islam akuvunyelwanga nhlobo ukutya inyama enegazi phakathi. ***(iKhurani: 2:173, 5:3, 6:145 ).***

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(21). UKUTHELEKISA*

## INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO

**21. Abesetyhini abazigqumileyo (*veiled*)**

Abesetyini abazigqumileyo babefumaneka kuzo zonke izindawo uYesu (u.k.k) nabaProfeti ababephila kuzo. ***(Gen. 24:64-65), (1 Cor. 11:5-6)***. uYesu akakhange ajongele phantsi isiko labafazi lokuzigqumа umzimba, okanye alithathe njengesenzo esesiphelelwe lixesha. uYesu (u.k.k) wawuhlonipha, waze wawuzalekisa lowo mthetho (wokunxiba).

**i. Indlela yobuKrestu:-**

Ezinsukwini zanamhlanje ininzi lababafazi bamaKrestu abawugqumi umzimba, yaye ababuhoyi ubufazi babo (*modesty*), kodwa (kuqhelekile ukuba babonakale) bebonakalisa ubuhle babo. Ukugqumа umzimba ngendlela yokuhloniphisa kuthathwa njengesiko lakudala elingasanyanzelekanga. AmaKrestu abawulandeli umthetho owalandelwa nguYesu (u.k.k).

**ii. Indlela yamaSulumane:-**

Ininzi lababafazi bamaSulumane bayawugqumа umzimba ngokuhloniphisa, yaye bayabuhoya ubufazi babo, ze kunqandeke ukuvezwa obala ubuhle babo. ***iKhurani: (24:31; 33:59).***

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile okokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(22). __UKUTHELEKISA__*

## __INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO__

**__22.__ __Ukucoceka__:- __Ukuhlamba umzimba wonke__**

uMoses (u.k.k) wethula umthetho omalunga nokucoceka: ***(Lev. 11, 12 & 14), (1 Cor. 11:5-6)***. Ukucoceka bekuthiwa ***"tohoRAH"***, kanti ukungcola kubizwa ***"tumAH"***.

uDavide (u.k.k) ubezihlamba ze acoceke, bese eya endlini kaThixo eyothandaza uMdali: ***(2 uSamuweli 12:20); u-Elisha (u.k.k): (2 Ookumkani 5:10, 14)***.

uYesu akakhange aphelise okanye aphikisane nemithetho emayelana nococeko kunye nokungcola. iTestamende eLitsha liyangqina ukuba isiko lokuhlamba umzimba wonke (nokuzisa ukucoceka komntu emoyeni nasemphefulweni) ngamanzi acocekileyo, kwakuyinto eyayenziwa ngabalandeli bakaYesu (u.k.k): ***(Heb. 10:22).*** uYesu (u.k.k) wawuhlonipha futhi wawuzalekisa lowo mthetho (wococeko).

**__i.__ __Indlela yobuKrestu__:-**

Kwezi zinsuku, amaKrestu abasawulandeli umthetho olawula ucoceko nokungcola njengoba kubhaliwe encwadini ka-***Leviticus***. ***__Umzekeliso__***: amadoda nabasetyhini namhlanje bazingenela kuphela ezicaweni bayokhonza nangokuba bengacocekanga emizimbeni ngemva kwesini (*sex*), okanye ukungcoliswa ubudoda (*seminal discharge*) okanye ukuba semalangeni komntu wasetyhini. Ukwenza ngolu hlobo kudalwe amagama ezimfundiso zikaPawulos: ***(1 Thessalonians 5:16-18)***, apho ethe khona: *"Thandazani ningaphezi"*. Nangoba kunjalo, eli vesi litsho lisithi: *"Khumbulani uThixo ngawo wonke amaxesha."* Alitsho okokubana abantu bahlale bethandaza njalo, nditsho noba sebengayihoyi indaba yokucoceka kwemizimba yabo. AmaKrestu abawulandeli umthetho owalandelwa nguYesu (u.k.k).

**__ii.__ __Indlela yamaSulumane__:-**

Kukho imithetho emininzi enkolweni yamaSulumane elawula ucoceko ***("taharah")*** nokungacoceki ***("najasah")***. ***__Umzekelo__***: amadoda nabafazi abazingeneli nje phakathi ecawini (*masjid*) bayokhonza bengacocekanga emizimbeni ngemva kokudibana ngokwesini (*sexual intercourse*), okanye ukungcoliswa ubudoda (*seminal discharge*) kunye nokuba semalangeni komntu wasetyhini. Umntu ulindeleke kuba ahlambe umzima wonke ngamazi acocekileyo xa akweso simo sokungcola. Enkolweni ye-Islam, ukuba semalangeni komntu wasetyhini akusiso isiqalekiso okanye isiphumo sesono sika-Eva. ***iKhurani: (2:222).*** Enkolweni ye-Islam kuhlala kukho ukukhokhelwa okuphuma ku-Allah nakuMprofeti uMuhammad (u.k.k) okwenza ukuba umntu ahlale ekhumbula u-Allah ngamaxesha onke.

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile ukokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(23). __UKUTHELEKISA__*

## __INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO__

### 23. __Ukuba namakhosikazi amaninzi__ (*polygamy*)

Ukutshata amakhosikazi amaninzi lisiko ebelizalekiswa ngabaProfeti ababephila ngaphambi kobukho kukaYesu (u.k.k). u-Abrahama (u.k.k) ubenamakhosikazi amathathu:- ***(Gen. 25:1)*** kunye namashweshwe (*concubines*): ***(Gen. 25:6)***, uYakobi ubenamakhosikazi amabini namashweshwe amabini. ***(Gen. 39:3,9)***. uMoses (u.k.k) yena ubenamakhosikazi amabini ***(Ex. 2:21; 18:1-6), (Num. 12:1)***. uDavide ubenamakhosikazi ayisibhozo abo babebizwe ngamagama eBhayibhelini, kodwa kukho abanye abaninzi abo babengabizwanga ngamagama (eBhayibhelini) kunye namashweshwe angenhla kweshumi: ***(1 Chro. 3:1-9); (2 Sam. 15:16; 16:21-22; 20:3)***. uSolomon ubenamakhosikazi awu-700 kunye namashweshwe angamakhulu amathathu. ***(1 Amakhosi 11:3)***.

uYesu akakhange athethe kakubi okanye aphikisane nesiko lokutshatwa kwamakhosikazi amaninzi, noba ukuba namashweshwe. uYesu (u.k.k) walihlonipha elo siko.

Encwadini ayibhalile, u-***Father Eugene Hillman***, ebizwa: (*"Polygamy Reconsidered"*, ephepheni lika-140), uhlasele isenzo sebandla le-*Khatolika* yase-*Roma* sokuphikisa isiko lesithembu (*polygamy*) ze kuditshaniswe nesiko elixubeneyo le-"***Greco-Roman"***, lokuvumela ukutshatwa konkosikazi omnye kuphela, kodwa kube kungahlwaywa isenzo sokuba namashweshwe (*concubinage*).

#### __i.__ __Indlela yobuKrestu__:-

Ngokuqhelekileyo, ininzi lamaKrestu lenza umboniso ngokutshadela endodeni enye (*monogamy*), kodwa enyaniswени baphila impilo efana neyesithembu (*polygamy*), njengoba benabo omakhwapheni. Sekuyinto eqhelekileyo emphakathini wamaKrestu ubukho bokuthandana kwabantu abangatshatanga, okanye ukukrexeza kunye nemitshato efihlekileyo.

Inxaki yokungalingani kwamadoda nabafazi ngesibalo, okungenzeka kudalwe yizimfazo, kungasombululwa ngesiko lokutshatwa kwamakhosikazi ngobuninzi (*polygamy*), njengoba eli siko lizibonakalisa kuyisisombululo esineziphume ezintle emiphakathini yanamuhla. AmaKrestu abalilandeli isiko elahlonishwa nguYesu (u.k.k).

#### __ii.__ __Indlela yamaSulumane__:-

I-Islam ivumele ukutshatwa kwamakhosikazi ngobininzi ngenhloso yokusombulula izinxaki zomphakathi. Ivumele ukukhululeka ngandlela-thile kubuntu bomntu ngamnye, kodwa ngaphansi konyanzeleko lokuhlonitshwa komthetho (isilinganiso samakhosikazi atshatwayo siphelela kwabane ngaxeha linye). Yaye kubekwe umthetho onyanzelekisa ukunakekelwa kwabasetyhini njengesidingo-ngqangi sokuvunyelwa komtshado onjalo.
***iKhurani: (4:3).***

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile ukokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(24). __UKUTHELEKISA__*

## __INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO__

### 24. __Ukukhonza izithixo, izithombe eziqingqiweyo, neziphambano__

AbaProfeti ababekho kudala bayikhuza ngamandla indaba yokukhonza kwezithixo ezahlukeneyo. Bekungavunyelwanga nokuba kubekho imifanekiso yamadoda okanye abafazi ezindlwini zokuthandazela, bexwayisa umphakathi kakhulu malunga nokukhonzwa kwaleyo mifanekiso. UThixo uzibiza *"uThixo onekhwele"* uMoses: ***(Ex. 20:4-5; 3:24; 34:7 & 14), (Deut. 4:24; 5:6-9),*** uDavide: ***(iindumiso 94:1);*** uJoshuwa: ***(Josh. 23:7; 24:19)***, u-Elijah ***(1 Amakhosi 19:10)***, u-Ezekieli: ***(Ez. 20:7; 39:25)***, u-Nahum: ***(Nah. 1:2)***.

AbaProfeti bakudala bayikhuza ngamandla indaba yokuqubudwa kwezithixo nokukhonzwa (*serve*) kwazo. uMoses: ***(Ex. 20:3-5; 32:7-8), (Deut. 4:15-19), (Lev. 26:1)***, uDavide: ***(iindumiso 135:15-18)***, u-Isaiah: ***(Isaiah 2:17-18; 44:9)***, no-Ezekiyeli: ***(Ez. 30:13)***. uYesu (u.k.k) wawuhlonipha lowo mthetho. ***(Matt. 5:17-18), (Luke 24:44), (1 John 5:21), (Izenzo 17:28-29), (iSityhilelo 22:15)***.

__**ISIPHAMBANO**__

Indlela isiphambano esiqingqiwe ngayo kulandelwe isiko lase-***"Chaldea"***, bekuliphawu lwesithixo esibizwa ***"Tammuz"*** (u-**"T"** yisifinyezo segama eso sithixo. Ze kwenziwe ngcono ukholo lwabantu abahlubukile, abantu ababekhonza izithixo bebemukelwa ezicaweni nezinkolelo zabo, yaye bebevunyelwe ukugcina izimpawo zezinkolelo-ze zabo, kunye nemifanekiso yakhona. Kungako bekuqhelekile ukubonakala kwalolu hlamvu: **"T"**, obelubonakala njengesiphambano, yaye lwase lwamkelwa ukuba lube yisiphambano sikaKrestu ***(Vine's Expository Dictionary of New Testament Words – ©Thomas Nelson Publishers, 1985***). Kaloku-ke, njengoba kucacile ngokwengxelo engephezulu, iziphumo zezinkolelo-ze zafaka uphawo lwesiphambano kancinci-kancinci (enkolweni yobuKrestu), okwathi kamva lwasetshenziswa osikweni lwe-***"Greco-Romans"***.

**__i.__ __Indlela yobuKrestu__:-**

Izicawe zineenhlobo ezahlukeneyo zezithixo, njengezo ezimele izithombe eziqingqiweyo zikaThixo, isithombe sikaMariya uMama oNgcwele, iZingelosi, nesithombe sikaYesu – uzifumana zigaxwe esiphambanweni. Ufumana nezithombe ezibaqingqiweyo zabantu abathathwa njengabangcwele *(saints)*, nemifanekiso yamadoda nabafazi, iinhlanzi, amajuba, njalonjalo.

AmaKrestu aguqa ngaphambi kwesiphambano, baqubudela izithombe eziqingqiweyo nezithixo kunye nezimpawo zenkolelo-ze ezenziwe ngabantu ze bazikhonze. Abanye phakathi kwamaKrestu bagaxa izithombe eentanyeni njengophawo lokholo lwabo.

AmaKrestu aphula umthetho wesibini oNgcwele kuleyo elishumi efumaneka ***(ku-Ex. 20:3-5)***. AmaKrestu abawulandeli umthetho owawuhlonitshwa nguYesu (u.k.k).

**__ii.__ __Indlela yamaSulumane__:-**

Ngokwenkolo ye-Islam akuvumelekanga ukuthandazela endlini lapho kulenga khona imifanekiso okanye izithombe ebondeni. Kukho izexwayiso ezimbalwa zikaMprofeti (u.k.k) ezifumaneka kuma-***Hadith*** akhe:

1) *"Izingelosi azingeni endlini apho kukho inja kuyo okanye izithombe."*
2) *"…abantu abayogwetywa kabuhlungu ngelanga loKwahlulelwa ngabo abalingisa indalo ka-Allah."*

UmProfeti uMuhammad (u.k.k) wabhidliza izithixo ezingu-360 ebezizungeze i-***Kaaba***, ziqubudelwa ngabantu bakudala kungekabikho inkolo ye-Islam.

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile ukokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(25). UKUTHELEKISA*

## INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO

**25. Ukukrexeza (*Adultery*)**

Kubhaliwe encwadini yama-***Hebheru (13:4)*** okokuba umtshato kufanele uhlonitshwe ngabo bonke abantu, nokuba umtshato ugcinwe ucocekile, ngoba uThixo uzokwahlulela umntu okrexezayo nongaziphathi kakuhle. Ukukrexeza bekunqandiwe eBhayibhelini: *"Ungakrexezi."* (eBhayibhelini igama lokukrexeza kuthethwe ngalo ngendlela ezahlukene kwaze kwaba amahlandlo awu-49): ***(Ex. 20:14), (Lev.20:10), (Deut. 5:18), (iindumiso 51:1), (Prov. 6:32), (Jer. 3:6; 29:23), (Ez. 16:32, 38; 23:27,43,45), (Hos. 1:2; 2:2, 4; 4:2, 13-15; 7:4), (Matt. 5:32; 15:19; 19:9,18), (Mark 7:21; 10:11,12,19), (Luke 16:18; 18:20), (John 8:3-4), (Rom. 2:22; 13:9), (Gal. 5:19), (uYakobi 2:11), (2 Peter 2:14), (Isityhilelo 2:22; 17:2; 18:3,9)***.

uYesu (u.k.k) wawuhlonipha umthetho oxwayisa malunga nokukrexeza.

**i. Indlela yobuKrestu:-**

Ininzi lamaKrestu likholelwa ukuba uThixo angeke aze abagwebe ngoba uYesu ungumsindisi wabo. Bavumela ubukho bokudibana ngokwabelana ngesondo kwabantu abangatshatile, nezenzo zokukrexeza, njalonjalo.

Ininzi lamaKrestu lilibala ukuba ukukrexeza kusisono emehlweni kaThixo, yaye abawulandeli umthetho owawulandelwa nguYesu (u.k.k).

**ii. Indlela yamaSulumane:-**

AmaSulumane akuvuyela kakhulu ukutshata ngendlela yesiko le-Islam kuba i-Islam ayivumeli ubukho bokwabelana ngosodo kwabantu abangatshatanga, nezenzo zokukrexeza, njalonjalo. Oku kuthathwa njengensono esikhulu kakhulu! ***iKhurani: (7:33), (17:32), (24:3-4, 26).***

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile ukokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(26). <u>UKUTHELEKISA</u>*

## <u>INDLELA KAYESU (U.K.K)  YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO</u>

**26. <u>Ukucoceka - Ukweluka</u>**

Isiko lokweluka (*circumcision*) alinqikanga emthethweni kaMoses, kodwa linqike emnqophisweni ka-Abrahama: ***(Gen. 12:1-3)***. Umprofeti u-Abrahama nesizukulwana sakhe babelukile (umnqophiso waphakade): ***(Gen. 17:1-2)***. Ukwehluleka ukweluka ukwephula umnqophiso noThixo: ***(Gen. 17:14)***. Ze umntu amukeleke ukuba abe yingxenye yisidlo sePasika (*Passover*), kulindeleke ukuba abe ngumntu owelukile (*circumcised)*: ***(Ex. 12:44,48)***. Lo mthetho obubekelwe wonke umntu, waphindwa futhi encwadini ka ***(Lev. 12:3)***. Encwadini ***ye-Ex. 4:26*** kuthethwe ngokwelukwa kosana kaMoses. Esahlukweni sesiHlanu sencwadi ka-**Joshua**, kuthethwe ngokwelukwa kwabantu ngaphambi kokuba bangene ezweni lesithembiso. Ku-***Gen. 34:15***, kuthwa bekungavunyelwe ukutshatisa umfazi wekholwa nenkwenkwe engalukwanga. uYesu (u.k.k) naye wasizalekisa *"umnqophiso ongunaphakade"* njengoba naye welukwa: ***(uLuka 1:59; 2:21), (Rom. 2:29)***. uYesu wathetha ngendaba yokweluka: ***(John 7:22-23)***. uYesu (u.k.k) wawulandela lo umthetho wenkolo.

**<u>i.</u> <u>Indlela yobuKrestu</u>:-**

Ngokuqhelekileyo, ininzi lamadoda bamaKrestu abalukanga ngenxa yencazelo edukisayo kaPawulos, ethi yintliziyo elukwayo, ngomoya ongcwele: ***(Rom. 2:29)***. uPawulos wathi "*uYesu akayi kuninceda nganto xa neluka.*" ***(Gal. 5:2)***. *"Yikuphi ukubaluleka okukhona esenzweni sokusoka?"* ***(Rom. 3:1-2)***. Encwadini ka-***(1 Cor. 7:18-19)***, uPawulu uyibeke ngokucacile ukuthi ukusoka akunto yalutho. AmaKrestu abawulandeli umthetho owawulandelwa nguJesu (u.k.k).

**<u>ii.</u> <u>Indlela yamaSulumane</u>:-**

Ngokwenjwayelo, wonke umntu wesilisa kumaSulumane basokiwe, ngoba bekulisiko lika-Abrahama (u.k.k), kanti futhi bekuyisenzo (*Sunnah*) sikaMprofeti wethu othandekayo, uMuhammad (u.k.k).

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile ukokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(27). <u>UKUTHELEKISA</u>*

## <u>INDLELA KAYESU (U.K.K)  YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO</u>

**27. <u>Inzala-mali</u> – *(Usury)***

Igama esitshenziswa eBhayibhelini, elitsho inzala-mali, kuthiwa yi-***"Neshek"***. Elo gama liphikisa into eliqondiswe kuyo kakhulu, yaye lithathe (*derived*) egameni elitsho ukuhlasela njengenyoka.

AbaProfeti bakudala babephikisana nesenzo sokwamukela okanye ukunikelana ngenzala-mali ***(Deut. 23:19-20)***, ***(Lev. 25:36-37), (Ex. 22:25), (Ez. 18:8-9,13,17; 22:12), (iindumiso 15:1-5), (Jer. 15:10)***. uYesu (u.k.k) waphikisana nesenzo sokwamukela okanye ukunikelana ngenzala-mali. ***(uMatewu 25:27), (uLuka 19:22-23)***. uYesu (u.k.k) wawulandela loyo umthetho. ***(uMatewu 5:17-18), (uLuka 24:44)***.

**i. Indlela yobuKrestu:-**

Kulezi zinsuku, ininzi lamaKrestu abayihoyi indaba yokubana ukwamukelwa kwenzala-mali (*interest*) kusisono. AmaKrestu abawulandeli umthetho owawulandelwa nguYesu (u.k.k).

**ii. Indlela yamaSulumane:-**

Igama lolwimi lwesi-*Arabic* elitsho inzala-mali lithi: ***"Riba"***. Lithathe kwigama elitsho ukwandisa. AmaSulumane bazakhele indlela yokugwema inzalo-mali ngokusungula indlela yabo yokubankisha imali ***(Islamic Banking)*** engenayo inzalo-mali ukwenzela ukugwema ukuyamukela okanye ukuyikhupha uyinikeze omnye umntu. ***iKhurani eNgcwele (2:275, 276, 278), (3:130), (4:161)***.

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile ukokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(28). UKUTHELEKISA*

## INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO

**28. Intshebe nengubo ende**

AbaProfeti basendulo babeneendevu: ***(iindumiso 133:2)***, ***(Isa. 50:6), (Ezra 9:3)***. Umthetho kaMoses wawunqabele ukubana bachebe iindevu nokuphatheka kwentsebe ngendlela engesiyo: ***(Lev. 19:27; 21:5)***. uYesu (u.k.k) wulandela lowo mthetho. uMoses no-Aron babenxiba iingubo ezinde: ***(Num. 15:38), (Lev. 16:23), (Ex. 29:5,29; 28:2; 31:10)***. uYesu (u.k.k) naye ubenxiba ingubo ende: ***(uMatewu 9:20-22), (uLuka 8:43-48), (uMarko 6:56)***. uYesu (u.k.k) walilandela eli siko kakuhle nje.

**i. Indlela yobuKrestu:-**

Akuqhelekanga kulezi zinsuku ukubona indoda enxibe ingubo ende, ethi ayifane nekaYesu (u.k.k), abanye bakhulisa iindevu zabo ngoba belandela ifashini (hhayi inkolo). AmaKrestu abalilandeli isiko ebelilandelwa nguYesu (u.k.k).

**ii. Indlela yamaSulumane:-**

Ininzi lamaSulumane banazo iindevu, kuba balandela isibonelo (*Sunnah*) soMprofeti uMuhammad (u.k.k). Ininzi lamaSulumane linxiba ngendlela ehloniphekileyo, yaye baninzi abanxiba iingubo ezinde.

Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile ukokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(29). <u>UKUTHELEKISA</u>*

## <u>INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO</u>

### 29. <u>uMuhammad kwakhulunywa eTestamendeni eliDala, wabizwa ngegama</u>

Kwi-***Ngoma Yazo iiNgoma (Shir ha-Shirim 5:16)***, kwathi xa kutolikwa igama lesi-*Hebheru*, kwaba ngu***"Ma.ha.mad.dim"***; Olwimini olu lwesi-*Hebheru*, xa kutolikwa u-***"im"*** egameni, okho kwenzelwa ukukhombisa ubunye okanye ubuninzi *(plurality)* begama. Xa lifakwe egameni lomntu, lisetsenziselwa ukukhombisa intlonipho kuye. Imvelaphi yegama: ***"Ma.ha.mad.dim"*** ngu: ***"hamad",*** okuyigama elitsho: ***"ukudumisa okanye ukukhanuka into"*** kuzo zombini ezi zilwimi *(isi-Arabic nesi-Hebheru),* kanti futhi lona elo gama (***"hamad"***) yimvelaphi yegama lesi-*Arabic* elithi: ***"Muhammad"***.

Uma kungukuthi igama lika-***Muhammad*** lalikhethwe nje lingenakho ukubaluleka yaye kungahloswanga nto ngalo, kungani latolikwa kwathiwa: ***"ngothandekayo" okanye "odingekayo"?*** Kungoba elo igama belitolikeke kakubi, yaye linencazelo engesiyo. (Uma ujonga i-Video ye-***Ngoma kaSolomon (Shir ha-Shirim 5:16)*** ku-YUOTUBE (***youtube.com/watch?v=3YsA45CuvFk***), uzakuzwa u-***Rabi*** wo-*Mhebheru* ekhwaza eli gama: ***"Mahammad-im"***.

Ngokwencazelo ka-**"*Strong's Concordance"***, igama ekulilo lokuqala (lesi-*Hebheru*) limele umntu wesilisa (*masculine)*. Umbuzo ovelayo uthi: bekutheni igama elimele umntu wesilisa latolikwa ngendlela engesiyo, kwathiwa: ***"ngothandekayo" okanye "odingekayo",*** laba sesiweni esiyi-***adjective***?

Uma uthatha eli gama njengoba linjalo ngolwimi lwesi-*Hebheru*: (***"hamad"***), bese ulifaka kuma-***website*** atolika amagama, uzobona ukuba elo gama litolikwe kwathiwa: ***<u>Muhammad</u>.*** *(http://www.freetranslation.com & http://www.worldlingo.com).*

**<u>i.</u>** **<u>Indlela yobuKrestu</u>:-**

AmaYuda azothi eli gama **(*"hamad"*)**, lijongiswe kuSolomon (u.k.k), ngexesha amaKrestu wona azothi lijongiswe kuYesu (u.k.k). eBhayibhelini, eli gama lichazwe kanje: *"Umlomo wakhe umandi, yaye uyathandeka ngokupheleleyo. Ungothandiweyo wam, yaye ungumhlobo wam, O! nina madodakazi aseYerusalem."*

**<u>ii.</u>** **<u>Indlela yamaSulumane</u>:-**

Incazelo **ye"*Sihlabelelo zeZihlabelelo" (5:16)***, kufanele ibe ngolu hlobo: *"Umlomo wakhe umandi, yaye uyathandeka ngokupheleleyo, yebo, unguMuhammad ngokwenyani. Ungothandiweyo wam, yaye ungumhlobo wam, O! nina madodakazi aseYerusalem."*

Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile ukokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

# *(30). __UKUTHELEKISA__*

**__INDLELA KAYESU (U.K.K) YOKULANDELA ABAPROFETI NOKUGCINA IMITHETHO YABO__**

**30. __AmaSulumane kukhulunyiwe ngabo eBhayibhelini__**

Eli gama lesi-*Hebheru*: ***"Meshullam",*** lalisetshenziswa kakhulu ngamaxesha angemva kokubuyiswa ekugxothweni (*exile*), yaye lifumaneka amahlandlo awu-25 eBhayibhelini. Encwadini ***(ka-Luka 6:40)*** eBhayibelini lesi-*Hebheru*, uYesu (u.k.k) usebenzise eli gama ***"She-Mushlam"***. Imvelaphi yala magama mabini: ***"Meshullam"*** kunye neli: ***"Mushlam",*** yigama eli: ***"Shalam".*** Olwimini lwesi-*Arabic*, imvelaphi yeli gama: ***"Muslim",*** ithi ***"Salima"*** - onke atsho into efanayo: *"Ukuba semqophisweni woxolo, ukumamela ngokuzithoba, ukuzinikela kuMdali, ukuba ngopheleleyo, intliziyo epheleleyo necocekileyo emehlweni kaMdali"*. Oku kutsho ukuba eli igama: ***"Mushlam",*** lizawutolikwa litsho oku: ***"i-Muslim"*** (iSulumane).

**__i.__ __Indlela yobuKrestu__:-**

Eli gama lolwimi lwesi-*Hebheru*: ***"She-Mushlam",*** latolikwa kwathiwa: ***"okupheleleyo"***. Incazelo yeBhayibheli yevesi lencwadi ka-***Luka 6:40,*** inje: *"Akukho mfundi mkhulu kunomfundisi wakhe; ke wonke olungisiwe kuphela, uyakuba njengomfundisi wakhe."*

**__ii.__ __Indlela yamaSulumane__:-**

Ukutolikwa okuyiko kwegama lesi-*Hebheru*: ***"She-Mushlam"*** kuthiwa: ***"Muslim"***. Ukutolikwa okuyiko kwevesi elisencwadini ka-***(Luka 6:40)*** kunje: *"Akukho mfundi mkhulu kunomfundisi wakhe; wonke umuntu oyiSulumane, uyakuba njengomfundisi wakhe."*

> Ke kaloku, embuzweni obuzekile ukubana:- ***"Ingaba uYesu (u.k.k) ubenguMkrestu okanye ubeyiSulumane?"*** siwuphendula ngokuthi ***ubeliSulumane.*** (njengoba kucacile ukokuba ubelandela imiyalezo kaThixo ngokupheleleyo).

## __ISIPHETHO__

uYesu (u.k.k) wayilandela yaye wayizalekisa imithetho yaBaprofeti bakudala, kwaye ubeyiSulumane, inkolo yakhe bekuyi-Islam.

i. Xa ungalandeli imithetho eyalandelwa nguYesu Krestu (u.k.k), kutheni uzibiza ngoMkrestu na (***Christ-ian***)?
ii. Enyanisweni kumele uzibuke njengomntu olandela icawe (***Church-ian*** noba ***u-Paul-ian***, nabani na omlandelayo).
iii. Xa unesifiso sokulandela indlela yamaSulumane (***Muslims***), sicela ukuba uphenye leliphepha le-*website*: www.islamic-invitation.com.

## __IZINCWADI ZOKUNQINELA__ (References)


- *IKhurani eNgcwele.*
- *Multilingual translations of the Bible (Ukutolikwa kweBhayibhile yezilwimi ezininzi).*
- *i-Torah*

